



education

Department:
Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LWESIBINI OLONGEZELELWEYO (SAL)

IPHEPHA LOKUQALA (P1)

NOVEMBA 2008

AMANQAKU: 120

IXESHA: 2 iiyure

Olu viwo lunamaphepha angama- 20.

IMIYALELO

1. Eli phepha lemibuzo linamacandelo AMANE angala:
 - ICANDELO A: Uvavanyo lokuqonda (30 amanqaku)
 - ICANDELO B: Ushwankathelo (10 amanqaku)
 - ICANDELO C: Ukusetyenziswa kolwimi (60 amanqaku)
 - ICANDELO D: Uncwadi (20 amanqaku)
2. Phendula YONKE imibuzo.
3. Bhala icandelo ngalinye kwiphepha ELITSHA uze ukrwele umgca ekupheleni kwecandelo NGALINYE.
4. Shiya umgca emva kwempendulo NGANYE.
5. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.
6. Landela imiyalelo ngocoselelo.
7. Bhala iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiwego kwiphepha lemibuzo.
8. Qwalasela upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.

ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA**UMBUZO 1****ISICATSHULWA A**

- 1.1 Funda esi sicatshulwa sihamba nomfanekiso waso ngononophelo uze uphendule imibuzo elandelayo.



Themba: Molo Lulama.

Lulama: Molo nawe Themba. Kutheni wandijonga ngolu hlobo?

Themba: Ndijonge indlela omhle ngayo. linwele zakho zintle.

Lulama: Tyhini! Nam ndijonge lo mnqwazi wakho.

Themba: Ndinqwenela ukuthetha nawe sisobabini. Ucinga ukuba singaya phi?

Lulama: Masiye kwindawo epholileyo ngasemlanjeni. Apha ehlotyeni kubetha umoya opholileyo. Kukho imithi nengca eluhlaza. lintaka zicula kamnandi.

Themba: Kulungile sithandwa. (*UThemba utsala uLulama kuba ufunu ukumphuza.*) Ndicinga ukuba sikhe sityelele kwelinje iphondo, iKwaZulu Natal okanye iMpuma-Koloni ngezi holide zehlobo.

Lulama: Hayi, mna ndicinga ngenye indawo. Zininzi iindawo umntu anokuzicinga.

Themba: Unqwenela ukuya kweliphi iphondo sithandwa?

Lulama: Kutheni ufunu ukuba kakhethi mna kuqala nje? Kulungile ke, masiye kwiphondo leNtshona-Koloni. Lihle eli phondo eholoyeni. Kukho intaba yeTafile. Siza kuzonwabiso elwandle. Amabhomha eediliya anomtsalane. Abakhenkethi bayalithanda eli phondo.

Themba: Ewe, masiye ukuze sidibane nabantu bezinye iindawo.

(Bahleli phantsi komthi beqhuba incoko yabo. UThemba ucela uthando kuLulama. UThemba umana ukusondela embamba. ULulama uyamsusa kuye. ULulama naye uyamthanda kodwa akafuni ukumxelela.)

Lulama: Musa ukungxama. Ndinike ithuba lokuyicinga le nto uyicelayo.

Themba: Uncede sithandwa, undinike impendulo eza kundonwabiso. Uyathembisa Lulama?

(ULulama umjunge ngamehlo anothando noncumo. Weva ubushushu begazi ngenxa yothando. Wakuva oku kufudumala entliziyweni, entloko, esiswini, nasemzimbeni wonke. ULulama ucinge nzulu ngoThemba. Wayecinga ukuba ingaba uyamazi kakuhle na uThemba lo. Kwafika amantombazana aze kukha amanzi. La mantombazana abuza imibuzzo emininzi yogezo kuLulama. Abuza okwenzekayo phakathi kwakhe noThemba.)


IMIBUZO:

- 1.1.1 Khetha kwezi mpPENDULO zilandelayo eyona ichanekileyo uze uyixhase ngokujonga emfanekisweni. Ululama noThemba babonakala benjani?
- A Bonwabile
B Banomsindo
C Baxhalabile (2)
- 1.1.2 Aba bantu bakwindawo epholileyo. Nika izinto zibe MBINI ezibonisa oko. (2)
- 1.1.3 Yintoni eyayibangela ukuba uThemba atsale uLulama? (1)
- 1.1.4 Yitsho ukuba oku kungezantsi KUYINYANI na okanye BUBUXOKI.
- (a) ULulama wavuma ukuphuzwa nguThemba.
(b) ULulama noThemba babetandana. (1)
(1)
- 1.1.5 UThemba wayelindele impendulo yesicelo sakhe kuLulama.
- (a) Wayecele ntoni?
(b) Wayelindele impendulo enjani/ethini?
(c) Ucinga ukuba uLulama uza kuphendula athini? (1)
(1)
(1)
- 1.1.6 Ngawaphi amalungu omzimba avakala efudumele kuLulama ngenxa yokuthanda kwakhe uThemba? Nika amalungu omzimba AMATHATHU. (3)

- 1.1.7 OoLulama bathetha ngawaphi amaphondo? Yitsho abe (3)
MATHATHU.
- 1.1.8 Ziintoni ezitsala abakhenkethi kwiphondo leNtshona-Koloni? (2)
- 1.1.9 Khetha phakathi kuka-(a) no-(b). Le ndawo bakuyo ooLulama ikufutshane:
(a) Nentaba
(b) Nomlambo (1)
- 1.1.10 Yintoni eyaphazamisa uThemba noLulama kwincoko yabo? (1)

ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO

1.2 Jonga le khathuni, uze uphendule le mibuzo ilandelayo.



[Ithathwe kwi-Iso Lezwe, Disemba 2007]

IMIBUZO

- 1.2.1 Kutheni la madoda mabini ebekwe phezulu kunabanye abantu?. Khetha kwezi mpendulo zingezantsi:
(a) Bafutshane
(b) Baziinkokheli (1)
- 1.2.2 Umntu A nomntu B abajongananga, omnye ujunge kwelinye icala nomnye kwelinye. Ucinga ukuba kutheni behleli ngolu hlobo? (2)

- 1.2.3 Indlela ahleli ngayo umntu A, imbonakalo yobuso bakhe, isandla ezantsi kwesilevu, zonke ezi zinto zibonakalisa ukuba:
- (a) Uyacinga
(b) Wonwabile
(c) Uyalila (1)
- 1.2.4 Kutheni umntu B elandelwa ngabantu abaninzi nje? (2)
- 1.2.5 Wenza ntoni umntu B? (1)
- 1.2.6 Umntu (D) othethayo apha emfanekisweni ucinga ntoni malunga nomntu A? (1)
- 1.2.7 Ucinga ukuba umntu D uza kalandela owuphi umntu? (1)
- 1.2.8 Jonga inkangeleko yobuso bomntu C. Lo mntu ucinga ntoni okanye uziva njani? (1)

AMANQAKU ECANDELO A: 30

ICANDELO B: ISISHWANKATHELO**UMBUZO 2**

Funda esi sicutshulwa silandelayo sihamba nemifanekiso uze usishwankathelo.

Landela le miyalelo xa ushwankathela:

1. Funda ngemisebenzi yaba bantu abalandelayo: UMother Theresa, uGandhi, uMartin Luther King noTata uMandela.
2. Shwankathela esi sicutshulwa uthethe ngezi zinto:
 - (i) Thetha ngeenjongo zabo
 - (ii) Babesilwa njani?
 - (iii) Bafumana iingxaki ezinjani ebomini babo?
 - (iv) Zaba yintoni iziphumo zokulwa kwabo noRhulumente? (7)
3. Bhala ngezivakalisi ezipheleleyo. Sebenzisa ulwimi olufanelekileyo. (2)
4. Shwankathela ngamagama amalunga nama-40 ukuya kuma-50. Bhala inani lamagama owasebenzisileyo. (1)

UMother Theresa wayengatshatanga. Waqala ukusebenza e-Ireland eniminyaka eli-18 ubudala. Wasebenza nase-Indiya. Wayengumntu onothando. Wanceda abantu ababekwiimeko ezimbi. Ngo-1948 wavula isikolo kwindawo yabantu abahluphekileyo e-Calcutta. Wasebenza nabantu abagulayo, abangenabazali nezihlobo. Wasweleka ngo-1997.

UMohandas Gandhi wazalelwwa e-Indiya. Wayeliggwetha. Walwela amalungelo ama-Indiya eMzantsi Afrika nase-Indiya. Wasebenzisa itoyitoyi ngaphandle kokulwa. Wanyanzela iBritani ukuba ibuyisele ilizwe lase-Indiya kubantu balo. Wasebenzela ukwakha ubuhlobo nokuhlalisana kakuhle phakathi kwamaHindu namaMoslem. Wasweleka ngo-1948.

UMartin Luther King wayengumfundisi waseMelika. Walwela amalungelo abantu abamnyama baseMelika. Abamnyama babephila kanzima. Wayefuna ukuba uRhulumente abaphathe kakuhle abantu. Wayefuna uxolo phakathi kwabamhlophe nabamnyama. Wathetha noRhulumente ngendlela yokuphatha abantu kakuhle. Abantu batoyitoya bengazikhweli iibhasi. Wabhubha ngo-1968 phambi kokubona onke amaphupha akhe ephumelele.

UNelson Rholihlahla Mandela wabanjwa ngo-1963 nguRhulumente wocalucalulo. Wayelwela amalungelo abantu abamnyama baseMzantsi Afrika. Wahlala iminyaka emininzi entolongweni eRobben Island. Wasebenza noMongameli uFW de Klerk, ukuphelisa ucalucalulo. Ukuphuma kwakhe entolongweni wenza uxolo phakathi kweentlanga. Wenza ukuba kubekho inkululeko. Wanyulwa waba nguMongameli wokuqala omnyama woMzantsi Afrika. Ube yinkokheli ethandwa kakhulu jikelele. Uvule ingxowa yokunceda abantwana 'iMandela Childrens' Fund'.

Umsebenzi wabo wawungekho lula kuba babesukelwa ngamapolisa bebanjwa bavalelwwe ezintolongweni.

AMANQAKU ECANDELO B: 10

ICANDELO C: UKUSETYENZISWA KOLWIMI**UMBUZO 3**

3.1 Phinda ubhale esi sicutshulwa silandelayo uze ulungise iziphene nolwimi olungamkelekanga.

Iindwendwe yalungiselelwa idawo yokulala. ingaba siziphatha kakuhule iindwendwe kweli

(5)

3.2 Bhala ezi zivakalisi kwisininzi.

Umzekelo: Isikolo siyavalwa.

Impendulo: Izikolo ziavalwa.

3.2.1 Umntwana uyabaleka.

(2)

3.2.2 Inja iyakhonkotha.

(2)

3.3 Fakela izimamva ezifanelekileyo. Khetha kwezi. Bhala igama kuphela.

[- eka, -ela-isa]

Umzekelo: Utitshala ufunda abafundi.

Impendulo: Utitshala ufundisa abafundi.

3.3.1 Utata uhamba abafundi besikolo ngemoto.

(1)

3.3.2 Lo mntu uyathanda kakhulu.

(1)

3.4 Izakhi ezikrwelwe umgca ngaphantsi zibonisa ntoni kwezi zivakalisi zilandelayo? Khetha kwezi:

- (i) Isini
- (ii) UkuzaLana
- (iii) Ubuncinane

3.4.1 Sityale imithana emininzi esikolweni.

(1)

3.4.2 Umfundisikazi onobubele uyathandeka.

(1)

3.5 Bhala igama elifanelekileyo kuphela elikwizibiyeli (...).

3.5.1 Indoda (fika) namhlanje.

(1)

3.5.2 Isikolo (phuma) ngentsimbi yesibini.

(1)

3.5.3 Amanzi (shushu).

(1)

3.6 Bhala ezi zivakalisi kwixesha elizayo.

Umzekelo: Umntwana (uyatya).

Impendulo: Umntwana uza kutya.

3.6.1 Abantu (bafika) bephethe impahla. (1)

3.6.2 Ixhego (litya) isonka. (1)

3.6.3 Inkwenkwe (idlala) ibhola. (1)

3.7 Khetha igama elifanelekileyo kula magama akwizibiyeli uvale izikhewu kwizivakalisi ezilandelayo. Bhala igama elifanelekileyo kuphela.

[bona; ezikamama; esona; oku; ezona; eliya]

3.7.1 ... bahamba becula. (1)


3.7.2 Ndithanda ... kutya kumnandi. (1)

3.7.3 Ufuna ... silula isifundo. (1)

3.8 Fakela izalathandawo ezifanelekileyo kwezi zivakalisi zilandelayo. Bhala igama kuphela.

Umzekelo: Umama ungena (indlu).

Impendulo: Umama ungena endlwini.



3.8.1 Utitshala ubhala (ibhodi). (1)

3.8.2 U-Ayanda ubhala (incwadi). (1)

3.8.3 U-Ayanda uyamamela kutitshala wakhe (isikolo). (1)

3.9 Khetha kumagama owanikiweyo uvale izikhewu. Bhala igama kuphela.

[yaka; ntsho-o; qhwa; tu]



3.9.1 Wathula ... uSipho kuba wayediniwe. (1)

3.9.2 Ibhatyi kaSipho yayiluhlaza (1)

3.9.3 Ikhephu limhlophe ... entabeni. (1)

3.10 Bhala ezi zivakalisi kwimo elandulayo.

Umzekelo: Umntwana uyatyा.

Impendulo: Umntwana akatyi.

3.10.1 UNomsa ufunda incwadi yamabali. (1)

3.10.2 Umama uyakwazi ukucula. (1)

3.10.3 Ndiyifundile incwadi. (1)

3.10.4 Indoda yathenga imoto. (2)

3.11 Sebenzisa la magama mabini kwisivakalisi.

Umzekelo: Indoda – umfazi

Impendulo: Indoda nomfazi baya edolphini.

3.11.1 Intombazana nenkwenkwe (1)

3.11.2 Inja nekati (1)


3.12 Phinda ubhale esi sivakalisi ngendlela elungileyo.

idami Umntwana uncanca

(1)

3.13 Khetha isikhuzo esifanelekileyo kwizibiyeli (...). Bhala isikhuzo kuphela.

- 3.13.1 (Heke!, Yhoo!) umntwana uza kutsha ngumbane. (1)
 3.13.2 (Owu!, Iw-u-u!) aluseluhle ngako olu sana. (1)



3.14 Dibanisa ezi zivakalisi zibini ngokusebenzisa izihlanganisi ezifanelekileyo.
 Khetha kwezi:

[kuba; noko; ukuba; ukuze; nangona; kodwa]

- 3.14.1 Ndiyazi. Ulisela elidala. (1)
 3.14.2 Ndiyaya esikolweni. Ndifuna ukufunda. (1)
 3.14.3 Usazifihla. Ndikubone kakuhle. (1)

3.15 Funda izivakalisi ezilandelayo uze ubhale izifinyezi zamagama abhalwe ngqindilili.

Umzekelo: Kufike u**Gqirha** omtsha esibhedlela.

Impendulo: u**Gq**.

- 3.15.1 **UMnumzana** Hlela ufundisa kwisikolo samabanga aphantsi. (1)
 3.15.2 **Inkosikazi** yakhe yaphumelela ekubalekeni. (1)

[43]

UMBUZO 4

4.1 Jonga lo mzekelo uze uphendule umbuzo olandelayo.

Umzekelo: "Ndifunda incwadi", utshilo uThemba.

Impendulo: UThemba uthe ufunda incwadi.

(i) "Ndisadlala ibhola", utshilo uNomsa.

Sibhale kwakhona esi sivakalisi uqale ngolu hlobo:

UNomsa uthe ... (2)


4.2 Funda esi sicatshulwa singasezantsi, ujunge nomfanekiso, uze uphendule imibuzo elandelayo.



I-OMO yisepha yokuhlamba enamandla. Icoca iimpahla kakuhle kakhulu. Le sepha ayitshisi izandla. Kule sepha kususwe iikhemikhali. Isusa ukungcola empahleni. Ixabiso layo liphantsi. **I-OMO** yimveliso esemgangathweni ophezulu. Ukuba umntu unombuzo angafowunela kule nombolo: 086-0572-908.

- 4.2.1 Kutheni umntu engathanda ukuthenga **i-OMO?** Bhala izinto EZIMBINI. (2)
- 4.2.2 Kutheni besebenzise umfanekiso womntu ongumama kule ntengiso? (2)
- 4.2.3 Kutheni igama i-"OMO" libhalwe ngamagama amakhulu kulo mfanekiso ungentla? (1)
- 4.2.4 Uncedo singalufumana ngokufowunela kweyiphi inombolo? (1)

- 4.2.5 Khetha igama elibolekiweyo kule ntengiso. (1)
- 4.3 Phendula imibuzo usebenzise le grafu ilandelayo.



- 4.3.1 Yeyiphi inyanga eneepesenti eziphezulu zokunyuka kwepetroli?
- 4.3.2 Inyuke ngeepesenti ezingaphi i-Petroli phakathi kukaJanuwari noApreli? Khetha kwezi mpendulo zilandelayo: (1)
- (a) 2,5
 - (b) 10
 - (c) 6,5
- 4.3.3 Ngawaphi amafutha aneepesenti eziphezulu kwinyanga kaJanuwari? (1)
- 4.3.4 Uyavumelana nam xa ndisithi ubomi babathengi buza kuba lula kwixesha elizayo? Utsho ngoba kutheni? (2)
- 4.4 Khetha elona gama lifanelekileyo kulawo akwizibiyeli (...). Bhala igama kuphela.
- 4.4.1 Ewe! Madoda yakhani (amandlu; izindlu) esisexekweni. (1)
- 4.4.2 (Xa; Nxa) ungafuni kusebenza kufuneka uhambe kulo mzi kabawo. (1)
- 4.4.3 linkuni (ziyanetha; ziyan) phandle zingenise endlwini. (1)
- [17]

AMANQAKU ECANDELO C: **60**

ICANDELO D: UNCWADI

Imiyalelo:

- Khetha incwadi ENYE kuphela uphendule imibuzo yale ncwadi uyikhethileyo.
- Ukuba ukhetha *UNgodongwana* uze uphendule UMBUZO 5 (5.1, 5.2 no-5.3)
- Ukuba ukhetha *Iholide ebiweyo* uze uphendule UMBUZO 6 (6.1, 6.2 no-6.3)

UMBUZO 5**UNGODONGWANA – PM Ntloko**

5.1 Funda esi sicutshulwa uze uphendule imibuzo elandelayo.

1	UMAMBAMBA:	Nantso intloya, khaniphozise kweli langa litshisa kangaka.
3	UNODUNGE:	Awu! Maz' enethole Nkosikazi!
	UJOBE:	MamBamba, khawubize uDingiwe.
5	UMAMBAMBA:	Ewe Nkosi, uyeza, usaye kukha amanzi emthonjeni. (<i>Kungena uDingiwe</i>)
7	UDINGIWE:	Ndim lo Tata. Umama uthi uyandibiza.
	UJOBE:	Baphi abanakwenu?
9	UDINGIWE:	Ndibashiye besancokola nabanye abafana, Tata.
	UJOBE:	O-o-o! Kulungile ungahamba. (<i>Basela intloya</i>)
12	UNODUNGE:	Kowu! Yaphola kamnandi le ntloya!
	UJOBE:	Ewe, ingamenz' umntu abe nguhobolozela.
14	UNODUNGE:	Inkosi ukuba ayisayi kukhathazeka, kukho nto ndifuna ukuyithetha.
16	UJOBE:	Yintoni Nodunge le unga ungayithetha?

18	UNODUNGE:	Ndiyoyika hleze inkosi ndiyenzakalise emphefumlweni.
20	UJOBE:	Thetha, Nodunge, thetha. Yintoni le ufunu ukuyithethA? Yithethe inkosi yakho iyive.
22	UNODUNGE:	Inkosi umhlekazi ndiyamcela ukuba aze anyamezele. Masiye endlwini hleze ezi ndaba zimke nomoya.

IMIBUZO

- 5.1.1 Uyintoni uMamBamba kuJobe? (1)
- 5.1.2 UMamBamba ubanika ooJobe intloya. Khupha amagama ambalwa kwesi sicutshulwa abonisa ukuba bayithanda gqitha! (1)
- 5.1.3 Kutheni uJobe efunu ukuthetha noDingiwe? (1)
- 5.1.4 UNodunge ufunu ukumazisa ngantoni uJobe? (2)
- 5.1.5 UJobe uhive enjani emva kokuva iindaba ezivela kuNodunge? Uyalele uNodunge ukuba enze ntoni? (2)
- 5.1.6 Uyintoni umsebenzi kaNodunge? (1)
- 5.2 Funda esi sicutshulwa uze uphendule imibuzo elandelayo.

1	UDINGIWE:	O, Nkosi, bambulele umnakwethu omkhulu: Azi kuyini na komncinane. O, abantwana bakaTata! Mandiye kumfuna. (<i>Kuxa kuthi qheke ukusa</i>)
3		Nkosi! Nanku eziqhushike phantsi kwesiqobo somthi omkhulu.
5		
7	UNGODONGWANA:	Nguwe Dingiwe mntakwethu? (<i>Esitsho ngeliphantsi bungcangcazela, kucaca ukuba liphuma phakathi kweentlungu ezingathethekiyo.</i>)
9		
11	UDINGIWE:	Usindile bhuti wam? O! Imbi ngenene le nto.
13	UNGODONGWANA:	Nceda urhole nangu umkhonto sewuvele ngesiphatho, ukutya kwawo kutshone le, enyameni. Nangu ethangeni, nceda.

15	UDINGIWE:	O! Nkosi! Lampompoza igazi ndakuwuncothula. Zinjani kodwa iingqaqambo?
17	UNGODONGWANA:	Asikuko nokuba zindiphethe. Zidibene nengqelesengummangaliso.
19	UDINGIWE:	Unganakho ukuhamba?
	UGODONGWANA:	Ndoqhwalela ndisiya, akukho kunceda.
21	UDINGIWE:	Nditsho kuba kufuneka ubaleke ingqumbo kaBawo. Angathi ekhe weva ukuba wena akufanga athumele ukuba mawubulawwe.
23		

IMIBUZO:

- 5.2.1 Kutheni uNgodongwana ethetha ngelizwi eliphantsi elingcangcazelayo? (kumgca 8) (1)
- 5.2.2 Uphi umkhuluwa kaNgodongwana ngeli xesha? (1)
- 5.2.3 UDingiwe ucebisa ukuba uNgodongwana enze ntoni? Kutheni esitsho? (2)
- 5.2.4 Khupha kwesi sicatshulwa igama elithetha "ukuhamba nzima". (1)
- 5.2.5 Kwenzeke ntoni ukuze uNgodongwana azifihle phantsi kwesigodo somthi? (1)
- 5.2.6 Kwenzeke ntoni wakukhutshwa umkhonto nguDingiwe? (1)
- 5.3 Funda esi sicatshulwa uze uphendule imibuzo ilandelayo.

(Etywaleli. Kungena uNodunge neendlavini.)

UNODUNGE: Molweni bafana.

IINDLAVINI: Molo Bawo.

ENYE: Awu, kutheni namhlanje ukuze sikubone ungena apha? Kukho mcimbi na?

EYESIBINI: Kakade amadoda amakhulu njengawe, Khehle, angathini ukuza kuphululaphula ugezo lwabafana kwiindibano ezinje? ...

- 5.3.1 UNodunge waya endlwini yantoni xa wayefuna abantu abaza kubulala oonyana bakajobe? (1)

- 5.3.2 Wadibana nabani apho? (1)
- 5.3.3 lindlavini zacinga ntoni ngoNodunge eze kule ndawo? Kutheni usitsho njalo? (2)
- 5.3.4 lindlavini zavumelana ukubabulalela phi oonyana bakaJobe? (1)
[20]

OKANYE**UMBUZO 6****IHOLIDE EBIWEYO – J William no T Ntshinga**

6.1 Funda esi sicutshulwa uze uphendule imibuzo elandelayo.

1 UGrace wosula izandla ngefaskoti, waya kwigumbi lokuhlala, wahlala
phantsi esofeni. "Ufuna ukusazisa ntoni Robert?" wabuza. URobert
3 wancuma nje. Wayechulundance kakhulu. Wayekuthanda ukuthatha
usapho lwakhe ngequbuliso. "Masilinde uAndrew," watsho. "Ndiza
5 kunixelela." Emva kokuba uAndrew engenile weza wahlala esitulweni,
uRobert wathinta umqala wakhe. "Ndiniphatheli iindaba ezimnandi,"
7 watsho. "Siya eholideyini."
"Iholide! Phi?" bahlokomu besitsho aba babini bencinci. "Ndiyathemba
9 ukuba asiyi edamini kwakhona," wavakala esitsho uGrace.
"Andisakuthandi tu apho." URobert wayekuthanda ukuloba, ngoko ke
11 wayethanda ukusa usapho lwakhe" eholideyini, bahlale ezintenteni
edamini elikhulu malunga nekhulu leekhilomitha ukusuka ekhaya.
13 URobert wasuka wancuma. "Hayi, asiyi edamini kweli thuba," watsho.
Wajongwa ngumntu wonke. Babemangaliswe nyhani yinto owayenokuba
15 uyayicinga. "Siya elwandle!"
"Hure! Hure!" wakhwaza ngovuyo uMichael. UEElizabeth waxhumela
17 utata wakhe wamgona kakhulu. "Nyhanzi, tata? Nyhanzi siya elwandle?"
wabuza. UAndrew wayevuya okwakhe.
19 "Ziindaba ezimnandi ezi! Zange ndikhe ndilubone ulwandle
ngaphambili," wavakala esitsho.

IMIBUZO

- 6.1.1 Wayephi umfazi nabantwana ngexesha ebizwa nguRobert ukubaxelela iindaba? (1)
- 6.1.2 URobert wayefuna ukudibana phi nosapho lwakhe? (1)
- 6.1.3 Kutheni uGrace engafuni ukuya edamini kwakhona? (1)
- 6.1.4 Kutheni uRobert esoloko eluhambisa usapho edamini? (1)


- 6.1.5 URobert wathi abayi edamini. Wabaxeleta ukuba babeza kuya phi? (1)
- 6.1.6 Abantwana bazithatha njani ezi ndaba? Caphula amagama AMABINI kwesi sicutshulwa axhasa impendulo yakho. (3)
- 6.1.7 Waphendula wathini uRobert malunga nendawo yokuhlala eholideyini? (1)
- 6.2 Funda esi sicutshulwa uze uphendule imibuzo elandelayo.

1 URobert wathatha imali wajika. Kwakukho enye indoda emva kwakhe
ngqo. Yagila uRobert laza lawa phantsi ikhadi lebhanki likaRobert.
3 "Owu uxolo," yatsho le ndoda ichola
ikhadi likaRobert. "Enkosi," watsho uRobert
5 efaka ikhadi lakhe epokothweni.
URobert noGrace babeza kuthenga ukutya
7 okuninzi. UAndrew wahamba nabo eqhuba
itroli. UGrace wayeqwalasela ngocoselelo
9 ixabiso lento nganye phambi kokuyifaka
etrolini. "Ndixhinele ukuba siphinde," watsho
11 uAndrew ngeli xa balinde ukubhatala.
"Ndiza kuphinda ndidade kwakhona."
13 URobert wancuma waqobela uGrace iliso.
Babevuya xa abantwana bonwabile. Emva
15 kokuhlawulela ukutya, uAndrew waqhuba
itroli ukubuyela apho babeshiye khona imoto.
17 URobert wema ngesiquphe. "Imoto," watsho.
Kwakungekho nto kwindawo ababeyishiye
19 kuyo. Bajikeleza. Zazininki iimoto, kodwa
zange bayibone tu imoto yabo eluhlaza. "Abantwana! Baphi
21 abantwana?" wagxwala uGrace, iinyembezi ziphalala ezidleleni.
"Grace, nceda linda apha," watsho uRobert emphulula egxalaben.
23 "Andrew, gcina umama wakho."

**IMIBUZO:**

- 6.2.1 Kutheni uRobert esematshinini webhanki nje? (1)
- 6.2.2 Kutheni uGrace eqwalasela ngocoselelo ixabiso lento nganye? (1)
- 6.2.3 Babephi abanye abantwana ngeli xesha ooRobert besesuphamakethi? Kutheni belapho nje? (2)
- 6.2.4 Xa bevela kuthenga ukutya bafika phandle bamangaliswa yintoni? (1)
- 6.2.5 Wenza ntoni uRobert emva koko? (1)

6.3 Jonga lo mfanekiso wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.



IMIBUZO:

- 6.3.1 Wayibona phi uRobert imoto yakhe eyayibiwe? (1)
- 6.3.2 Kutheni ooBuso-bukrwentshiweyo befuna ukubulala uRobert? (1)
- 6.3.3 Indoda enamagxa abanzi yayifuna ukumbulala ngantoni uRobert? (1)
- 6.3.4 URobert wayigibisela ngantoni le ndoda? (1)
- 6.3.5 Wasindiswa yintoni uRobert ukuba angahlatywa ngemela nguBuso-bukrwentshiweyo? (1)
[20]

AMANQAKU ECANDELO D: **20**

AMANQAKU EWONKE: **120**